URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Gafieza Ismail
ICandelo le-*eLearning*
Gafieza.Ismail@westerncape.gov.za | 021 467 2592

Inombolo yefayili.: 24/3/1/2
Isalathiso: 20240304-2130

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente

ISihloko: Isikhokelo esihlaziyiweyo esingosetyenziso lweeselula nezinye izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwizikolo zikarhulumente

1. Ngenxa yokukhula rhoqo kwemeko yokufunda nokufundisa kusetyenziswa izixhobo zethekhinoloji, le ngcaciso imfutshane yazisa izikolo zikarhulumente ngesikhokelo esihlaziyiweyo sokusetyenziswa kweeselula nezinye izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili ngaphakathi ezikolweni.

2. Olu xwebhu lwesikhokelo luxhasa iinjongo ze-*eLearning* zeSebe leMfundo leNtshona Koloni nokuqonda ngendlela eyiyo yokusetyenziswa kuka-intenethi kunxibelelwano ngekhompyutha *(cyber wellness education)* yaye lujolise ekuncediseni izikolo ekubhaleni nasekuphumezeni umgaqo-nkqubo wazo wokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili. **(Makufundwe isiHlomelo A: Isikhokelo)**

3. Esi sikhokelo sihlaziyiweyo simalunga nesikhokelo esasipapashwe ngaphambili kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning* (*DEL)* 0005/2018, yomhla we-09 Meyi 2018, neNgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning* (DEL) 0002/2021, yomhla we-19 Meyi 2021. Iinguqulelo ezindala zifumaneka ngokusebenzisa le linki ilandelayo:

https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning-guidelines-and-workbooks	
Short URL: https://bit.ly/wced_guidelines	**QR Code:**

4. Olu xwebhu lwesikhokelo lunika izikolo ezi ngcebiso zilandelayo:

4.1 Ukwenza ukuba kubekho ukuqonda nolwazi ngokumalunga namanye amathuba amahle aziswa ziiselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kootitshala, kubafundi nakubazali kwindawo esikuyo isikolo nesingqongileyo.

4.2 Ukuqaqambisa iinzuzo ezinokubakho kunye neengozi ezinxulumene nokuphunyezwa nokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwindawo esikuyo isikolo nesingqongileyo.

4.3 Ukubethelela ubungakanani bokufumana ulwazi loko kufundwayo nokufikelela kuko okuza nokusetyenziswa kweeselula nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwindawo yokufunda.

4.4 Ukunceda izikolo zikarhulumente ekubeni zibhale eyazo imigaqo-nkqubo ukwenzela zibe nako ukulawula ukusetyenziswa kweeselula kunye nezixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili ezikolweni.

4.5 Ukugxininisa iingozi zokhuseleko ekusetyenzisweni kweeselula, izixhobo zethekhinoloji no-intanethi neendlela ezinokubakho zokuncitshiswa kwazo.

4.6 Ukunika ingcaciso ngendima nemisebenzi yesikolo, yootitshala, neyabafundi xa besebenzisa izixhobo zethekhinoloji eziziimobhayili kwindawo esikuyo isikolo nesingqongileyo.

5. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, kucelwa uqhagamshelane nomcebisi ngeze- *eLearning* wesithili sakho ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor.

6. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
UMLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2024-03-08